“Ncedani! Ncedani! Nazo iinkunzi zeenkomo zindileqa.” wakhwaza uLigwa.





UBhutana wayefuye iinkomo. Kumhlambi wakhe, kwakukho iinkunzi ezimbini. Enye yayimdaka ngebala enye imfusa.

UBhutana wayedla ngokusebenzisa ezi nkunzi xa esiya kugawula. Wayengasakwazi ukuziqhuba iinkunzi zakhe aye emadlelweni kuba wonzakala edolweni.






“Owu! Ndiza kuthetha noLigwa aluse ezi nkomo,” watsho uBhutana.

Waze wamcela wavuma naye uLigwa.

Yonke imihla uLigwa kwakufuneka aqhube iinkomo ziye emadlelweni, aye kuziseza nasemlanjeni.

ULigwa wayengazithandi izilwanyana ingakumbi ezi nkunzi.





ULigwa wayeziphatha kakubi kakhulu ezi nkunzi. Wayezibetha xa zizama ukusela amanzi. Ezihleka xa zihluleka ukubaleka. Ngamanye amaxesha, ziwela emlanjeni.

Xa eziqhubela ekhaya, wayezibetha iinkunzi efuna zibaleke ngokukhawuleza. ULigwa wayekhohlakele kakhulu.





Emva kokuzivalelela ebuhlanti uLigwa wayezipha ilusini avale uthango ngezikhondo zomthi ahambe.

Ngenye imini uBhutana wathumela uLigwa ukuba aye kutheza. ULigwa wathatha inqwelo wabopha neenkunzi wemka





ULigwa watheza igoqo elikhulu. Inqwelo yayiphuphuma kunzima ukuba iinkunzi ziyirhuqe.  Ngesiqhelo, uLigwa wazibetha iinkunzi ukuba zikhawuleze. Ngaloo mini iinkunzi zange zimqhelisele, umthwalo wawunzima kakhulu

Wavutha ngumsindo uLigwa. Wazingxolisa ezikhwaza iinkunzi engasakhathali. Iinkunzi zazilambile, zinxaniwe zidiniwe.





Ukufika kwakhe ekhaya, uLigwa wazikhulula iinkunzi waziqhubela ebuhlanti. Wazivalela apho engaziphanga ukutya namanzi. Wavala uthango wahamba.

Emva nje kokuba emkile, iinkunzi zakhaba uthango zonda ngaye.

Kwaqhuma uthuli iinkunzi zimthe mba uLigwa.





“Ncedani! Ncedani! Nazo iinkunzi zenkomo zindileqa,” wabhonga uLigwa ebaleka.

Wazama ukuzimela emva kwenxiwa elalisecaleni kwendlela, iinkunzi zenkomo zaqonda kuye.

ULigwa waqonda makabalekele kuBhutana.
Iinkunzi zazimembethe emana ezinyeka,
Kwathi kanti akawubona umngxunya
owawuphambi kwakhe, wawa watshona.

Wathi esakuphakamisa amehlo, zabe iinkunzi zeenkomo zime phezu kwakhe zimjongile.





Zithe zakurhoxa, waphuma wathi milenze ndithwale wakhwela emthini. Ngokukhawuleza wacinga ukuba makacele abahlobo bakhe ukuba baziqhubele ebuhlanti ezi nkunzi.

ULigwa wehla emthini eqonda ukuba ezi nkunzi azixolanga yimpatho yakhe. Wakha amanzi wawasa ebuhlanti  zasela iinkunzi. Uphinde waza nelusini zatya iinkunzi.





ULigwa wema ngakuthango wathetha nezi nkunzi ngentlonipho nangokuzithoba. Ukusukela loo mini waziphatha kakuhle iinkunzi. Wade wacebisa nabanye abelusi ukuba baziphathe ngembeko nangenyameko izilwanyana.

ULigwa wafunda isifundo ngokukhathalela izilwanyana nendlela yokuziphatha. Lwakhula uthando lwakhe kwizilwanyana.

Waseka iqumrhu lokukhusela izilwanyana efundisa namanye amakhwenkwe angabelusi ngokukhathalela izilwanyana.

